# UMTHENDELEKO

. . . iNkosi. Kwaye ngokuqinisekileyo siyaxolisa ngokuba singenazo izihlalo zokuhlalisa abantu, nakwabo ba—bajikiweyo, basiwa ngaphandle. Ndisandula ukuva, kwimizuzwana embalwa edlulileyo, apho besinokuba neqonga lemidlalo eNew Albany, ebelinokuba mhlawumbi lithabathe abantu abamalunga namawaka amathathu. Nje kodwa nje sasi . . . Imvuselelo yayiyeyeqela nje elincinane apha enkonzweni. Kwaye—kwaye silixesha nje elincinane lokuza ekhaya. Kwaye siyavuya kakhulu ukunibona nonke.

2 Ukuba andiphazami, ndibona umzalwana wam waseGeorgia apha. UMzalwana, andikwazi ukubiza igama lakho okwangoku; Palmer, waseMacon, eGeorgia. Siyavuya ukuba nawe apha, Mzalwana Palmer.

UMzalwana uCreech, apha ngaphambili, siyavuya ukukubona.

3 Kwaye ndiyayazi ukuba kwindawo ethile esakhiweni nguGqirha Lee Vayle, omnye wabaxhasi ngemali be—bentlanganiso eLima, eOhio, apho kwi . . . Ungumalusi webandla lokuQala lamaBhaptizi, kunye no—nomhlobo wam wobuqu. Ebephezulu ekhaya namhlanje, kwaye uze kusityelela kumhlangano. Mhlawumbi, ngobunye ubusuku, siza kumenza ukuba anyuke aze athethe okuthile. Ndizamile ukumenza ukuba athathe indawo yam ngokuhlwanje, athethe, waze wala. Ke siyathemba, mhlawumbi, okokuba mhlawumbi kungaba ngomso ebusuku, okanye ngelinye ixesha, UMzalwana uVayle okanye omnye wa . . . uya kuba nako ukutsho ilizwi okanye amabini, okumalunga mhlawumbi nomhlangano okanye into ethile phezulu phaya, nantoni na iNkosi eyibeka entliziyweni yakhe.

4 Kukho abanye apha endinqwenela ukuba bendinokuthatha ixesha lokubaqonda bonke, kodwa siyavuya ukuba nibe lapha. Ndibona umfo omncinane emva phaya, oliqela labalungiseleli abazileyo, ebebendwendwele nam ngale njikalanga, ukusuka ngaphaya e-Arkansas kananjalo ukusuka eMissouri.

5 Kwaye ngoku, ngokuhlwanje, sifuna ukuhlangula ixesha, kuba busuku ngabunye siza kuzama ukuba sigqibe ngentsimbi yethoba, ukuba kunokwenzeka. Ngobubusuku bubusuku boMthendeleko, ke kuyakuba semva nje kancinane ngokuhlwanje kunesiqhelo.

6 Ngomso ebusuku, iNkosi ithandile, ndifuna ukushumayela kwi: *Ke Ngoko Yibani Ngabagqibeleleyo* ne*Dini Eligqibeleleyo*, ngomso ebusuku. Kwaye, ke, lowo nguLwesihlanu oLungileyo.

7 Kwaye ngoMgqibelo ebusuku ng*UMngcwabo*, ukuba iNkosi ithandile.

8 Ngentsasa yangeCawa, inkonzo yokuphuma kwelanga ngentsimbi yesithandathu. Kwaye ngentsimbi yeshumi, inkonzo yobhaptizo. Kwaye ngecala leyeshumi, isifundo sesikolo seCawe, sovuko.

9 Kwaye ngeCawe ebusuku, inkonzo yesiqhelo yempiliso njengoko sibanayo phandle kwi—kwintsimi yokuvangela.

10 Ke, ngoku siyathemba ukuba niyakufumana abahlobo abangaboni, njalo njalo, kwaye baze babe nathi, kwaye nisincede kulo mhlangano uzayo . . . ukuqhubekeka kwalo mhlangano, gxebe.

11 NdineBhayibhile entsha, ngokuhlwanje, ndiyinikwe ngomnye, umzalwana womDunkard. Kwaye luhlobo lwento enkulu. Kukokokuqala ukuba ndishumayele kokuphuma kuyo. Ayiqhelekanga kancinci kum.

12 Ngoku, ndiyazi ukuba sihlanganele ngenjongo enye, oko kukuthi, uku—ukuqhubela phambili injongo kaKristu, nokuba sifumane uxolo emiphefumlweni yethu, nokusenza amadoda nabafazi abangcono, abakhonzi abangcono beNkosi. Kwaye ukuba sizela nayiphi na enye imbono, ngokuba, ngoko asisayi kusikelelwa yiNkosi. Sizele ukufuna uncedo. Sifikile, sijonge kuThixo. Kwaye lena yindlu yolungiso, apho uThixo asinika khona iintsikelelo Zakhe, aze asilungise kokungalunganga.

Ngoku kanye phambi kokuba sivule iLizwi, okanye—okanye sicele uMoya oyiNgcwele ukuba asincede, masithobeseni iintloko zethu.

13 Bawo waseZulwini onoyolo, kuBukhona Bakho obuNgcwele siyazizisa ngoku, njengabaphulaphuli kwiVangeli, kwaye njengezithethi zeLizwi; yalusa imilebe ethethayo, neendlebe ezivayo, neentliziyo ezamkelayo. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele ungasahlulela, ngokuhlwanje, kwaye anike iiNyaniso zobabalo olungunaphakade lukaThixo, kuye ngamnye wethu; ukuze, xa siphuma kwesi sakhiwo, ngokuhlwanje, siyakuthi njengabo babesuka e-Emawusi, "Iintliziyo zethu bezingavuthi na ngaphakathi kwethu, xa ebethetha nathi endleleni?" Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

14 Ngaphaya kwiNcwadi yeVangeli kaMateyu oNgcwele, kwisahluko sama-26, ivesi yama-27 neyama-28, kwisicatshulwa endinqwenela ukusifunda.

> *Wayithabatha nendebe, waza* akuba *ebulele, wabanika, waze* wabanika, wathi, *Selani kuyo nonke;*
>
> *Kuba eli ligazi lam lomnqophiso omtsha, eliphalala ngenxa yabaninzi ukuze kuxolelwe isono.*

> *Kodwa ndithi kuni, andisayi kusela kususela ngoku kwisiqhamo* so*mdiliya, kude kube* yi*mini endiya kuyisela nani* ngokutsha *ebukumkanini bukaBawo.*

15 Kwaye ngoku siza kuthetha ngo: *UMthendeleko.* Kwaye obu bubusuku boMthendeleko bokuqala.

16 Kwaye umthendeleko wenziwa, kuqala, ezantsi eYiphutha, owokuqala womthendeleko, owawungowokuqala i—imvana yepasika eyaxhelwayo, eyayingumfuziselo kaKristu. Kwaye abaninzi bethu baqhelene nela bali lidala lisikelelekileyo, lendlela abo bathabatha umthendeleko ezantsi phaya, bahamba entlango iminyaka engamashumi amane. Kwaye xa baphumayo, kwakungekho namnye ubuthathaka phakathi kwabo. Kwaye phaya, nempahla yabo yayingambhatshanga ichizeke, amashumi amane eminyaka uThixo wabagcina.

Esinjani ukusikeleleka isiqinisekiso kuthi ngobu busuku! Ukuba oko kungumfuziselo, ngoko uKristu uyinzaliseko yomfuziselo. Kwaye indlela awabahlangula ngayo uThixo abantwana!

17 Kwaye, ekuthathweni komthendeleko, yayingumahluko phakathi kobomi nokufa. Abo babengaphakathi, bephantsi kwegazi eliphalaziweyo, bathabatha umthendeleko. Akukho mntu wayenokuwuthatha umthendeleko ngaphandle kokuba abephantsi kwegazi eliphalaziweyo. Igazi lexhwane laliphalaziwe kuqala, kuze emva koko labekwa phezu komnyango nasemgubasini. . . phezu komnyango ngumthi onqamlezileyo, nasemgubasini. Laze emva koko lojiwa ixhwane, laze la. . . kwaye—kwaye ladliwa nemifuno ekrakra, baze bazibhinqa. Emva kokuba igazi liphalaziwe, kwaye babedlule phantsi kwegazi eliphalaziweyo, babebhinqile kwaye belungele ukuhamba.

18 Kwaye ngoku ngumzekelo omhle kakhulu ngokuhlwanje, wa, bantu abathabatha uMthendeleko akusafuneki ukubandakanyeka okanye ukunxulumana nezinto zehlabathi kwakhona. Bamelwe kukuba bangene phantsi kweGazi kuqala, baze bahlanjululwe kuso sonke isono, esikukungakholwa, baze emva koko banxibe ulungiselelo lweVangeli, benxibe sonke isikrweqe sikaThixo, belungele ukubizwa nanini na.

19 Kwaye yayingu—ngumqondiso wokuba ingelosi yokufa yayingenakungena ngaphantsi kwelo gazi. Ingelosi yokufa yayimele iphakame ize iye ngaphaya kwegazi. Kwaye phaya kulapho imbongi yafumana khona impefumlelo, isithi, "Xa Ndibona iGazi, Ndiyakudlula kuni."

Kwakusondele iyure yokukhululwa xana bamkela umthendeleko, i—imvana eyosiweyo kunye ne—nemifuno ababeyithathile ngaphambi kokuba bahambe.

20 Ngoku, kwinzaliseko yomfuziselo esiza kuthetha ngayo, kwakuyiminyaka emininzi eyadlulayo, ngokuhlwanje, awathi

uYesu wathabatha oko sikwaziyo njengeSidlo seNkosi sangokuhlwa, uMthendeleko. Kwaye kukho into malunga naso, yokuba, Wayeza kuthetha nabafundi Bakhe. Kwaye ngaphambi nje kokuba emke, Wayefuna ukuyithetha nabo. Kwaye yi . . . Babenegumbi lilungisiwe. Yayilixesha lobudlelwane. Kwaye *umthendeleko* uthetha "ubudlelane."

21 Uninzi lweecawe lunoMthendeleko ovaliweyo, oko kukuthi, nje kwibandla labo xa benoMthendeleko wabo, kodwa apha asilohlelo, sinoMthendeleko ovulelekileyo kubo bonke, kuba siyakholwa ukuba lonke ikholwa linelungelo etafileni yeNkosi, nokuba nobudlelane ngezinto ezilungileyo zikaThixo, kunye nalo lonke ikholwa, kungakhathaliseki umgaqo, ibala, nokuba uyintoni na, nokuba basezwa kwakuloo ntsikelelo ekwanye, uKristu.

22 Ngoku, le yure inkulu yayisondele eNkosini yethu, elinye lawona maxesha anzima kulo lonke uhambo Lwakhe lwasemhlabeni lalisele likufuphi. Ixesha lovavanyo! UYesu kwafuneka aphumele kwiimvavanyo, kanye njengokuba siphumela kwizilingo. Kwaye iBhayibhile itshilo ukuba, "Wonke unyana oza kuThixo, kufuneka kuqala avavanywe, aqeqeshwe, alungiswe."

23 Ngoku, abantu abaninzi, ngumboniso xana ixesha lovavanyo lifika. Lixesha lendawo yokubonakaliswa. Kwaye iBhayibhile yathi, "Ukuba asinako ukumelana novavanyo, ngoko sibangabantwana abayimigqakhwe," sibanga uThixo ukuba unguBawo wethu, kwaye ngoko Yena akangoBawo wethu. Kuba xa sithe ngokulungileyo, kwaye ngentliziyo yethu yonke, samnkela iNkosi uYesu njengoMsindisi wethu thina, akukho nto kulo mhlaba okanye kulo lonke iphakade lobumnyama eyakuze ibenakho—ibenakho ukusahlula eluthandweni lukaThixo olukuKristu Yesu.

24 Ndimangalisiwe ngalo mhla, kwaye bendisoloko ndinjalo xa abantu bezibiza ngokuba bangamaKristu, kwaye, isilingo esincinane sokuqala siyafika, bawe ngasendleleni. Ibonisa ukuba yayikukumqonda ngengqondo uKristu. Naso isizathu sokuba abaninzi bangabambeleli namhlanje, kungokuba kukumqonda ngengqondo. Ngengqondo, ungaYikholelwa, kodwa Iya kude kunoko. Ukwamkela uKristu, kukwamkela uMntu kaKristu.

25 Uninzi lwethu lwamkela inkolo yobuKristu ngokufunda imvumo nkolo. Omnye wamkela ubuKristu phezu kweemfundiso zobhaptizo. Abanye bakholelwa ukuba bangamaKristu ngenxa yeemvakalelo ezithile abaye bazisebenzisa, njengokukhwaza, okanye ukudanisa kuMoya, okanye ukuthetha ngeelwimi, okanye ukuba nesiphiwo esithile esibalulekileyo sokubonisa. Zonke ezo zinto zilungile endaweni yazo. Kodwa, ukwamkela

uKristu, kukwamkela uMntu kaKristu, ukuze ke ezi ezinye izinto zivele ngokuzenzekelayo zibe semgceni.

26 Ngoku, ukuba uThixo akazange amconge OngoWakhe uNyana ekuhendweni okukhohlakeleyo, ngoko ke Akayi kukuconga wena okanye mna ekuvavanyweni okukhohlakeleyo.

27 Kwaye uYesu wayelapha ejongene nolona vavanyo lukhulu wakha Wanalo, iGetsemane yayibekwe kanye phambi Kwakhe, apho olo vavanyo lwakanye nolokugqibela olwanele-konke kufuneka luze, [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] xana imithwalo yehlabathi lonke yayibekwe phezu kwegxalaba Lakhe elisikelelekileyo. Kwakungekho namnye kuwo onke aMazulu okanye emhlabeni awayenokumelana nawo ngaphandle Kwakhe. Kwaye ukwazi ukuba zonke izono, okwezono zexesha elidlulileyo, nezono zexesha langoku, nezono zexesha elizayo, zihleli phezu kwesi sigqibo. Kwaye yayilolona loyiso lukhulu awathi uKristu waluphumelela, okanye wangqina ubuMesiya Bakhe obukhulu, njengaxa wathi kuThixo, "Hayi intando yam; makwenzeke eYakho." Olo yayilolona loyiso lukhulu Wakha waluphumelela. Zaye zonke iidimoni zentuthumbo zazikhona zimhenda Yena, kwaye zimlinga Yena.

28 Kwaye xana silungile noThixo, xana iintliziyo zethu zihlambulukile, kwaye uMoya oyiNgcwele uyithathile indawo yaWo entliziyweni yethu, yeyona nto izukileyo ukuba novavanyo. IBhayibhile isixelela ukuba, "Ukuvavanywa nokulingwa kwethu kuxabiseke ngaphezu kwesilivere negolide yeli hlabathi." Ngoko, thina si, simelwe kukuba nombulelo.

29 Andinqweneli kuzisa isiqu sam kumava athile, kodwa njengokuba isithi qatha engqondweni yam, ndikhumbula uvavanyo olukhulu nolokugqibela endaba nalo lwamava am obuKristu, kwakungaphaya esibhedlele phandle apha eSpring Hill. Ngethuba, inkosikazi yam yayilele kwigumbi lokugcina izidumbu apha ezantsi, isidumbu, kwaye yayisandula ukuphuma kobu bomi, ukuze ibe noThixo. Kwaye iimvavanyo kunye nezilingo zaziqhubeka! Hayi nje umntu othi, "Billy, ungumqengqeleki ongcwele." Okanye, oko bekungelo luvavanyo olungako. Kwaye ezi ezinye izilingo zincinane, na njalo njalo, zokugxekwa ngamadoda endisebenza nawo, yayingelovavanyo lungako. Kodwa iyure yam enkulu yovavanyo yeza xa ugqirha, Adair (endithe ndayiphinda ukuyibalisa kuye izolo esibhedlele xa sihleli kunye), kwaye xana wehlayo endikhawulela, wandibamba ngesandla, wathi, "Billy, usana lwakho luyafa, kwaye akukho thuba lokuba luphile. Linesifo sephepha somkhuhlane wobuchopho."

Ndathi, "Ngokuqinisekileyo akunjalo, gqirha!" Kwaye unina elele, isidumbu!

30 Ndaye ndangena. Waze wathi, “Yiza nje nam.” Saza saya kwilabhoratri, kwaye phaya wathabatha ityhubhu encinane yeglasi, wayihlukuhla. Kwaye kwakubonakala ngathi kukho umcwe kuyo. Wathi, “Leyo yintsholongwane yomkhuhlane wobuchopho kwaye iselusaneni. Sitsale oku kwithambo lomqolo, ukukhulula inkantsi.” Waze wathi, “Koku, sifumanisa ukuba sisifo sephepha somkhuhlane wobuchopho.” Wathi, “Layincanca kunina.” Waze wathi, “Ukuba olwa sana lunokuphila, luya kukhubazeka, lubandezeleke. Kodwa,” wathi, “ngeenceba zikaThixo, usana luya kuba kunye nonina.”

Ndathi, “Gqirha, ndifuna ukubona usana.”

Wathi, “Awunakuyenza, Billy, ngenxa kaBilly Paul, inkwenkwe yakho.” Wathi, “Ubuya kuthwala intsholongwane uyibuyisele kuye.”

31 Kwaye, emva kokuzama ukundikhuthaza ngokungcono wayekwazi, xa washiya isakhiwo, Ndanyebelezela ndayotshona kwigumbi elingaphantsi. Kwaye xana ndafika phaya, isibhedlele ngelo xesha sasingekalungiswa njengoko sinjalo ngoku, kwaye ifestile yayiphezulu kwaye umkhusane wawungekho, kwaye ezinye iimpukane zazingene emehlweni alo mfo omncinane. Ndazigxotha iimpukane ndajonga ezantsi kumzimba wakhe omncinci, utsalwe wonke, nemilenze yakhe emincinci isiya ngapha nangapha. Ndathi ke kuye, “Sharry, sithandwa, uyamazi utata?”

32 Kwaye kwabonakala ngathi uzama ukuwangawangisa isandla sakhe esincinane kum; malunga neenyanga ezisibhozo okanye ezilithoba ubudala. Ndaze ndamjonga. Kwaye wayebandezeleka kakhulu, usana oluncinane olumsulwa, lade elinye lamehlo akhe amancinane aluhlaza osana laligxwemu. Iintlungu ezingako! Owu, ngendandiyithabathile nanini na, endaweni yakhe.

33 Ndaye ndaguqa ngamadolo, iingcango zivaliwe, ndathi, “Owu Thixo, Bawo, nanko elele umfazi wam, umama wosana elele phaya kwindawo yokugcina izidumbu. Nanko uBilly Paul ebhedini, uyagula. Kwaye nalu usana lwam, lusifa. Wena ngokuqinisekileyo, Nkosi, awusayi kuluthabatha. Ndiyaluthanda. Kwaye ufuze unina. Ndifuna ukumkhulisa. Akunakuyenza na Wena ndiyacela, Owu Thixo, usindise ubomi bosana lwam?”

34 Kwaye njengoko ndiphakamisa amehlo . . . Kwaye njengoko nisazi nonke, bendisoloko ndiphantsi kwemibono. Kwakubonakala ngathi ilaphu elimnyama laqalisa ukutwabululeka, lisihla, kwaye ngokungathi uThixo uwuthathile umthandazo wam waza wawuphosa emva kanye ebusweni bam. Ndaze ndathi, “Yintoni na endiyenzileyo, Thixo? Ngaba ndigqithile emithethweni yakho, ukuze ndibe nesi sohlwayo? Ukuba kunjalo, Wena yityhile nje, kwaye ndiya

kuguquka. Ndiya kwenza nantoni na, kodwa ungaluthathi usana lwam." Ndaze ndabona ukuba uyahamba, nakanjani na. Ndaphakama.

35 Kwaze emva koko umhendi weza kum. Naliya ixesha elinye ebomini bam bonke, endinokuthi ndilibize, yayilelona xesha libalulekileyo, iGetsemane yam. Xana ndandisabambelele nje nzima ebhedini, wathi umtyholi, "Nantso ke. Lowo ngumvuzo wokuzama ukumkhonza Yena. Uthetha ukuba Uyakuthabatha laa mama umncinci unamashumi amabini anesibini eminyaka ubudala, amlalise ngaphaya njengesidumbu kumzi wogcino-zidumbu? Kwaye uya kuthabatha usana oluxabisekileyo, inyama negazi lakho? Kwaye agibisele ebusweni bakho umthandazo wakho? Kwaye ke uthetha ukuthi uya kumkhonza Yena?"

36 Ndandimi phakathi koluvo. Kwakufuneka kwenziwe isigqibo. Ndaze ndabeka isandla sam phezu kwentloko yakhe encinci, Ndathi, "INkosi inikile, kwaye iNkosi ithabathile, malibongwe iGama leNkosi!" Ndaziva ndikhululekile.

37 Ndathi, "Sharry, sithandwa, uTata akanakuya apho ukhoyo ngoku, kodwa uTata angaza ngenye imini. Ndiya kukubeka engalweni kaMama, ndikungcwabe, kodwa uTata uyakuphinda akubone ngenye imini."

38 UMnu. Isler, ekusenokwenzeka ukuba uhleli ngoku (andiboni phakathi kwesihlwele), owayesakuba nguSenator welizwe apha e-Indiana. Ndandinyuka ngohola wendlela. Mnu. Isler, ndiyaqikelela ukuba ungayikhumbula kakuhle.

39 Ndandibeke izandla zam emva kwam, ndinyuka ndiye emangcwabeni, kanye emva kwempuphuma, ndilila. Ndandiqhele ukunyuka ndiye phaya ngokuhlwa. Ivukuthu elidala laliyakuhlala phaya emthini, lize lindiculele. Kwakubonakala ngathi kuphantsi kwempepho yaloo mipayini nemithi, kwakubonakala ngathi ingoma ibiya kuyisebeza, isithi:

> Kukho ilizwe ngaphaya komlambo,
> Oko sikubiza unaphakade omnandi,
> Kuphela sifikelela kolwanxweme ngommiselo
> wokholo;
> Ngamnye ngamnye sifumana isango,
> Apho ukuhlala nabangenakufa,
> Ngenye imini bayakukhalisela mna nawe ezo
> ntsimbi zegolide.

40 UMnu. Isler, eqhuba isigadla sakhe esidala, watsibela ngaphandle, waza wajikelisa ingalo yakho kum. Wathi, "Ndikuvile ushumayela ekoneni yesitrato, Billy; Ndikubonile umi emnqubeni; Ndikuvile kumaculo ucula; indlela owamphakamisa ngayo uKristu, into owathi Wayeyiyo!" Wathi, "Ngoku Umthathile uyihlo, umntakwenu, umfazi wakho nosana lwakho." Wathi, "Ngoku Yena uthetha ukuthini kuwe?"

41 Ndathi, "Mnu. Isler, ukuba Ebenokundithumela kwimimandla yabalahlekileyo, bendiyakuba ndisaMthanda! Kuba, ngenye imini, ezantsi phaya kwishedi endala yamalahle, into ethile yenzeka apha ezantsi entliziyweni yam, ukuba akukho nto inokuyisusa. Yayingeyonto endayenzayo. Yayilubabalo lukaThixo olunguNaphakade olwandibamba kwiyure yesigqibo esikhulu!"

42 Kwaye xana iNkosi yethu esikelelekileyo, eGetsemane, xa yayisiya phaya, xana Yali-. . .ukuba yaliwe eYerusalem, kwaye ibhunga laliza kubuthabatha ubomi Bakhe, xana isiphelo saNaphakade sawo wonke umphefumlo, owakha wabakho okanye oyakubakho emhlabeni, saphumla kwisigqibo Sakhe.

43 Owu, yayincinci kangakanani eyam, xa kuthelekiswa naleyo! Yayincinci kangakanani eyakho, xa uyithelekisa naleyo! Usizi olunjalo lokuba asinako ukumelana nezi zinto zincinci!

44 Kodwa ngaloo yure inkulu ibalulekileyo, wade Wabandezeleka, esazi zonke izinto, de amanzi neGazi zahlukana emzimbeni Wakhe, kwawa amathontsi amakhulu eGazi elifana nokubila ephuma ebunzi Lakhe. Wafa ukufa okuninzi eGetsemane kunokufa kwakhe emnqamlezweni.

45 Wayekwisiganeko nje soku, kanye phambi kokuba kuqalise idabi elikhulu, kwaye Wathabatha uMthendeleko. Wahlanganisa abafundi bakhe, ukuze athethe nabo ngezinto.

46 Kwaye yiloo ndlela Asenza ngayo nawe nam, kanye nje phambi kokuba kuqale idabi elikhulu lobomi. Phambi kokuba idabi elikhulu lokulungileyo nokungalunganga liqalise ukulwa ngaphakathi kwethu, uThixo usizisa eGetsemane. Usizisa emthendelekweni, kwaye Uthetha ngayo yonke nathi.

47 Kude phandle ePhoenix, e-Arizona, kwakudla ngokubakho isithathu esasidla ngokundiculela, "Ndingathanda ukuthetha ngayo yonke noYesu. Ndingathanda ukuthi, 'Yesu, Wandithanda xana indlela yam yayimxinwa. Xana kwakumfiliba kangangokuba ndingaboni kude, Wandithanda xa kwakumnyama.'" Kwaye ingoma encinci iyaqhubeka itsho, ukuba, "Ndingathanda ukuthetha ngayo yonke."

48 Kwaye yinto elungileyo ukuba amadoda nabafazi balo mhlaba, beme kuhambo olude lobomi, kwaye bayithethe yonke noYesu, babe nobudlelane naYe, kubudlelane. Emva koko idabi liyaqalisa, lovavanyo kunye nokulingwa. "Wonke unyana oza kuThixo, kufuneka alingwe."

49 Ngoku, uMthendeleko asiyo, awenzelwanga injongo abantu abaninzi abacinga ukuba uyiyo. Ifundiswa lelithile ihlelo lecawa, okokuba umthendeleko ubizwa ngokuba "izithethe zokugqibela," okokuba uphathelele kusindiso. Umthendeleko awubhekiseli elusindisweni. Umthendeleko awukuniki lusindiso. Nokuba uwuthatha ekufeni kwakho,

okanye—okanye yintoni na, awunanto yakwenza nosindiso lwakho.

50 Sisikhumbuzo. UYesu wathi, kwiVangeli, Wathi, “Oku kwenzeleni ukuNdikhumbula.” Hayi, yoyame okanye yalathe elusindisweni, kodwa sisikhumbuzo somsebenzi ogqityiweyo owenziwe kuwe, ngoMoya oyiNgcwele. Sisikhumbuzo.

51 Ngoku baninzi abathabatha uMthendeleko abangasindiswanga. Abaninzi badla imvana yepasika, baza batshabalala entlango. Kwaye abaninzi bathabatha uMthendeleko, namhlanje, abangasayi kumbona uThixo.

52 Kodwa awunakuba ngumthabathi nxaxheba wosindiso Lwakhe uze ungaMboni, kuba usindiso sisipho sikaThixo. Kwaye uMthendeleko sisikhumbuzo selikhulu, elanele konke iDini elenzelwe olo sindiso. Kukwenza abantu babone ukuba siyakholelwa ekufeni, ukungcwatywa, nokuvuka kweNkosi uYesu Kristu. Imele umsebenzi ogqityiweyo.

53 Usindiso lwakhe alwagqitywa, ngokunikelwa kwebhokhwe, imvu, ithokazi lenkomo, kwiTestamente eNdala, kuba igazi leTestamente eNdala lalingenako ukucamagushela isono. Lalinokusigubungela kuphela isono. Lalisalatha kwixesha apho yayiya kugqitywa khona. Ngomso ebusuku sizakungena kanye kuloo nto. Kodwa yayingumzekelo kuphela.

54 Kodwa xa uYesu weza, laze iGazi Lakhe laphalazwa eKhalvari, yayiluqhawulo-mtshato olupheleleyo lwesono. Yasisusa isono. Kuphela kwendlela yosindiso. Akukho ukujoyina ibandla, akukho zincwadi zobudlelwane, akukho siko lokubhaptizwa, akukho uMthendeleko, okanye akukho nto kwisithethe, okanye nayiphi na into eshiywe nguThixo, njengezinto ezisingisele elusindisweni; konke oku kusisikhumbuzo somsebenzi ogqityiweyo!

55 Ubhaptizo lwamanzi alukusindisi, njengoko abantu ngamanye amaxesha becinga ukuba luyakwenza. Ubhaptizo lwamanzi sisikhumbuzo sokufa, ukungcwatywa, nokuvuka kweNkosi. Alukusindisi.

56 UMthendeleko usisikhumbuzo sentlungu yakhe enkulu nokuphuma Kwakhe, nomzimba Wakhe owaphukileyo, neGazi Lakhe elaphalazwayo. AsiloGazi lokoqobo, asingomzimba wokoqobo; kodwa kusekukhumbeleni komzimba Wakhe wenene, neGazi Lakhe elinqabileyo. Kwaye sithatha oku njengomyalelo, kwaye uYesu wasiyalela ukuba sikwenze. Okoko nje Ehleli engekho, kufuneka siwuthabathe.

57 Sinomfanekiso omkhulu, omhle phaya eNcwadini, yeLeta yamaHebhere, kwisahluko se-7. Ndingathanda ukufunda nje indawo encinane kumaHebhere 7, ukufumana umxholo wokuhamba nale nto.

*Kuba lo Melkitsedeki, ukumkani waseSalem, umbingeleli kaThixo Osenyangweni, owahlangana no-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani, waza wamsikelela;*

*Lathi iqhawe u-Abraham lamnika isishumi. . .sako konke; kuqala ke, ngentetho evakalayo* u*Kumkani wobulungisa,. . .emva koko* u*Kumkani waseSalem, oko kukuthi,* u*Kumkani woxolo;*

58 Qaphela, sifuna ukubuyela emva, size sicinge. UPawulos apha ubhekisa emva kumlinganiswa weTestamente eNdala. KwiNcwadi yeGenesis, sithabatha ubomi buka-Abraham, ukusuka kwisahluko se-12 seGenesis. UThixo enika u-Abraham idinga, kwaye ngo Abraham yayiya kuza iMbewu elilungisa. Kwaye u-Abraham, njengoko abaninzi bekholelwa ukuba wayengumYuda, wayengenguye. U-Abraham wayeyiNtlanga, umKaledi osuka kwisixeko sase Ure. Kwaye waba ngumkhonzi kaThixo, hayi kuba wayehlukile kuye nabani na ongomnye, kodwa ngenxa yolonyulo lukaThixo.

59 Awusindiswanga kuba ungumntu olungileyo. Usindisiwe kuba uKristu wakwenyula. Akukho mntu ufuna uThixo; UThixo ufuna umntu. UYesu wathi, “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale kuqala.” Kwaye ukuba sinokuma okwethutyana kwaye siqonde ukubaluleka kwaloo nto inye, yokuba nguThixo Owaninyulayo, engathandi ukuba nitshabalale; kodwa ukunike ithuba, wakubiza, wakwenyula ukuba ube sisicaka Sakhe. Ke, yintoni enokuba yexabiseke ngaphezu koko? Ngaphandle kokuba ube nokhetho! Ibiyakuba yengenakho ukwenzeka ngokupheleleyo ukuba nawuphi na umntu afune uThixo, kuba yena, ngokwemvelo, ungumoni, yaye akananto ngaphakathi kuye enokumnika umnqweno wokukhonza uThixo.

60 Ungaya na ehagwini uyixelele ukuba ayilunganga? Iyihagu, ngokwendalo. Ungayixelela na ukuba ukutya kwayo akulunganga? Ngokuqinisekileyo hayi. Ngokwendalo, iyihagu. Ufanele uyixelele ukuba iya kuba yimvana, kodwa yonelisekile njengehagu.

Yaye umoni wonelisekile njengomoni, ngokuba imvelo yakhe ingumoni.

61 Kwaye nantsi! “Sonke sizalelwe esonweni, sabunjelwa ebugwenxeni, size ehlabathini sithetha ubuxoki;” ngemvelo, umntwana wokungeva, ongenaThixo, ongenathemba, ingqumbo kaThixo ihleli phezu kwethu. Kwaye ngobabalo lothando lukaKristu, uThixo, elubabalweni Lwakhe oluzimele geqe noBakhe ubuSomandla, lankqonkqoza entliziyweni yakho kwaye lakunika ithuba elisikelelekileyo, kwaye lakuguqula, laze lakuthumela phezulu endleleni. Ungakwala njani okuya? Utshintsha umnqweno wakho wonke, ikujike, kwaye ikuqalise

ngenye indlela! Owu, uya kuba ngosileyo, kwihlabathi; kodwa wosikeleleka, phambi koThixo. “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba baya kuhluthiswa bona,” yatsho iNkosi yethu uYesu Kristu. UThixo, ngobabalo Lwakhe olumangalisayo!

62 Qaphela, koko uThixo wakwenzayo, oko uThixo wakubizayo. Ubungenamdla wokufowuna. Ngewungenamnqweno wokubiza, ngokuba indalo yakho yayichasene ngokupheleleyo naYo. Kodwa uThixo, ngonyulo, wanibiza waza wanijika, waze wasa iminqweno yenu ibe kuKristu nakwizinto zaphezulu. BesingaYala njani?

63 Emva koko uThixo wabonisa, ku Abraham, into awayeya kubenzela bonke. Asikuphela nje eli dinga lisikelelekileyo lovuko nobomi obunguNaphakade lanikwa u-Abraham, kodwa kwiMbewu yakhe emva kwakhe, abaBiziweyo, abaNyuliweyo bakaThixo.

64 Kwaye siyaqaphela ukuba, u-Abraham phandle emasimini apho wayephambukele khona. Umntakwabo, wambiza, uLote; ngokwenene yayingumtshana wakhe, unyana womntakwabo. Kwaye lafika ixesha lovavanyo. Kwaye uLote waba buthathaka phantsi kovavanyo. Ungumfanekiso ogqibeleleyo wekholwa lenyama namhlanje. Xa izilingo zifikayo, ukuhlala kumhlaba ongumqwebedu, u-Abraham wamnika ukhetho lwakhe. Kwaye uLote wawaphakamisa amehlo akhe, waza wabona amasimi, umfula, kwaye wawuzele ingca. Kwaye wawuzele yimizi emihle. Yayizele bubumnandi. Kwakhona yayizele sisono. Kodwa uLote, engowemvelo yenyama, walithanda eli hlabathi langoku ngaphezu kwezinto ezizayo, wanyula ukuphila ubuncwane bobu bomi, kunokuba abe nobomi emveni kwangoku.

65 U-Abraham, umfuziselo ogqibeleleyo wekholwa lenene elihlanjwe eGazini leMvana, ominqweno yakhe yabekwa kwizinto zaphezulu, wathi, “Ndiya kuthabatha indlela kunye nabambalwa abadelekileyo beNkosi. Nokuba iyakundidla udumo lwam, nokuba ixabisa ntoni na, ndiyakuthabatha indlela nabambalwa beNkosi.” Kwaye wanyula ukuhlala kwilizwe apho uThixo wambeka khona, phantsi kwexesha lovavanyo.

66 Ndiyazibuza ngobu busuku ukuba ndithetha nabantu abakhe baqala ukuhamba noThixo, kwaye, lakuba lifikile ilixa lovavanyo, wakhetha ukubuyela ehlabathini wenze izinto zehlabathi, okanye ngaba uthabathe indlela endala erhabaxa yosindiso?

67 Ingaba wenza njengoMoses, xa wayephantsi kovavanyo, xana wayenonyawo lwakhe etroneni yaseYiputa? “Kodwa, wabugqala ubutyebi bukaKristu bubutyebi obungakumbi ngaphezu kobutyebi bonke baseYiputa.” Wayishiya iYiphutha, engakhathali nokuba ingakanani na igolide, nokuba zingaphi na ezidumileyo . . . Wamthabatha uThixo eLizwini Lakhe wazishiya

izinto zaseYiputa, ekubalele ukungcikivwa kukaKristu kububutyebi obungaphezu kobutyebi baseYiputa.

68 Senza ntoni na phantsi kovavanyo, xa kufika izilingo ezinzima? Xa besithi ngenxa yokuba uzahlula kwizinto zehlabathi, ukuba ungumbaxi wenkolo, iyeza na ingxaki? Imelwe kukufika, kwaye kufuneka wenze ukhetho.

69 Kodwa ndikhetha ukuhlala phantsi kwemithunzi kaSomandla, Ndingathanda ukuthatha indlela yam kwaye, njengoYakobi, ndibe nomqamelo welitye. Ndingathanda ukubalelwa lihlabathi, "ngongaqhelekanga," kunokuba nabo bonke ubutyebi neentsikelelo elinokuthi likunikeze eli hlabathi. Kuba, zinkulu iintsikelelo zikaThixo ngaphezu kwabo bonke ubutyebi negolide nesilivere yeli hlabathi! Ngoku qaphela.

70 Ngoko xa kwafika uvavanyo olukhulu, uLote wehla waya esonweni. Khumbula, wemka ukusuka entabeni, wehla waya entilini. Wabuya umva, njenge . . . Ummeli ogqibeleleyo wobuKristu benyama namhlanje, okubizwa, ukhetha ukuhamba ngendlela elula, ukhuko lweentyantyambo lobulula, kunokuma anyaniseke ngexesha lokuvavanywa. Kwaye ekugqibeleni wangena engxakini.

71 Kwaye uyakuyenza, nawe. Xa ukhetha loo mandlalo weentsiba wobulula, khumbula, uya kungena engxakini, into ethile. "Izono zakho ziya kukufumana!" Kwaye uThixo uyakukufumana, ngenye imini.

72 Kwathi ngamhla uthile ukumkani, ookumkani beeNtlanga bemimandla emikhulu, beza bathabatha uLote nabantwana bakhe, umkakhe nako konke abenako, baza baqwesha nabo.

73 Kwaye ngenye imini, mhlobo wam obuthathaka, ukuba awuhlali phantsi kweGazi, izikumkani zikaSathana ziyakukufumana zize zikuthabathe zimke nawe, ukuba akuhlali phantsi kweGazi.

74 Kwaye u-Abraham, umzekeliso welungisa, wayekhathala kakhulu ngomtshana wakhe, ummeli wowenene, umKristu wenyaniso ovavanyiweyo walingwa, kwaye wabe ecikidiwe.

75 Ngoku, abafazi babenento eninzi yokwenza nayo. Umfazi kaLothe wayengowenyama, engumntu wenyama kakhulu. Umile namhlanje ethafeni phaya, njengentsika yetyuwa, njengehlazo, kwabo badlula ngendlela.

76 USarah, umfazi omhle, wayefuna ukwenza oko uThixo wayefuna akwenze. Wamhlonipha umyeni wakhe; njengoko, sithethile ngokuqinisekileyo kokuya kubusuku bokugqibela. Kwaye wahlala no-Abraham, akukhathaliseki nokuba kufike ntoni na okanye kwaphuma ntoni na. Wahlala naye kuba wahlala nedinga. Nantso ke into.

77 Ngoko xana wathatyathwayo uLote, intliziyo ka-Abraham yaba kunye naye. Waza wahlanganisa umkhosi kubakhonzi

bakhe, wamlandela umntwakwabo. Kwaye uhlobo oluhle kakhulu lomfuziselo. Bathabatha amakrele abo baxabela abo kumkani, kwada akwasala namnye kubo.

78 Kwaye lowo ngumzekelo womshumayeli weVangeli, xa ebona eso sono silibambile ibandla lakhe sabamba abantu. Uthabatha iVangeli endala esikelelekileyo, iKrele loMoya, aze ayinqumle ayinqumle, ade asisuse isono ebandleni lakhe, ukuba usisicaka senene sikaThixo. Ususa bonke ubuvuvu, ukuhleba, ukugrenyana. Ushukumisa zonke izinto kunye nemvelo yenyama yehlabathi eye yanyebelezela ebandleni, ukuba ungumkhonzi wokwenene kaThixo. Uthabatha iLizwi, alinqumle ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye, ade abe uxabele yonke into.

79 Kwathi emva koko xana emfumane uLote, umnakwabo okreqileyo, nabantwana, kwaye wayebabuyisela kuxolelwaniso, qaphela, lo Kumkani mkhulu wehla evela eYerusalem, wahlangana naye. UMelkitsedeki! Luhlobo luni lweNdoda olwalukokuya? Wayebizwa ngokuba “Ukumkani waseSalem.” Ntoleyo, nawuphi na umfundi uyazi ukuba *iSalem* “yayiyiYerusalem.” Yayibizwa ngokuba yiSalem ngaphambi kokuba ibizwe ngokuba yiYerusalem. Yayingubani le Ndoda eyadibana naye, eyayicinga ukuba uthabathe inyathelo elilungileyo? Yayingubani lo Mntu owema ngakuye? Khangela ukuba Yena yayiNgubani na.

> . . . Ungu*Kumkani wase*Yerusalem, yaye ukwangu*Kumkani woXolo;*

Ivesi yesithathu:

> *Akanayise, akananina, namlibo wakuzalwa,* akana*siqalo samihla, okanye* engenasiphelo *sabomi;* . . .

Yayingubani le Nkosana inkulu eyadibana naye emva kokuba idabi liphelile? Masityhile ngaphaya kwiGenesis, ivesi ye-14 . . . isahluko se-14 kunye nevesi ye-18.

> *UMelkitsedeke ukumkani waseSalem wazisa isonka newayini:* . . .

> . . . *wa*yi*sikelela, wathi, Mayibongwe* . . . *uThixo Osenyangweni,* umgcini *wa*mazulu *nehlabathi:* kwaye makasikelelwe u-Abraham ongumkhonzi wakhe.

80 Emva kokuba idabi liphelile, emva kokuba uloyiso luphunyelelwe, emva kokuba intlambululo yenziwe, UMelkitsedeke wamkhawulela u-Abraham kwezo ntili, wazisa isonka newayini, waze wamlungiselela.

Kwaye Ngubani? Yayingenguye omnye ngaphandle kwaLowo wadibana no-Abraham malunga nonyaka kamva, wahlala phantsi komthi wathetha naye.

81 Kwaye kwalo Melkitsedeke mnye wathi, “Andiyi kubuya ndithabathe esiqhameni somdiliya, ndide ndisele kakutsha nani, eBukumkanini bukaBawo waM, emva kokuba idabi liphelile,

xa uloyiso luphunyelelwe.” Ngoko siyakuyithatha ngokutsha eBukumkanini Bakhe, xana idabi lokugqibela liliwe. Xana ikrele lokugqibela libubulele ububi bokugqibela behlabathi, neBandla elikhulu likaThixo ophilileyo lisoyisa, UKristu uya kuhlangana nabo emoyeni, enesonka newayini, kwakhona, aze athabathe uMthendeleko, nakwiNaphakade kuBukho bukaBawo.

82 Owu, mhambi odiniweyo, ngobubusuku, buyela eNdlwini kaBawo. Nyuka uphume eSodom! Uye waxolelaniswa ngeGazi. Kwaye obu busuku buzukileyo besikhumbuzo, xa uMelkitsedeki wethu omkhulu, Owayengenasiqalo samihla nasiphelo sabomi, kodwa yena unguKumkani neNkosana ngonaphakade kanaphakade.

83 UMoya oyiNgcwele apha ngobubusuku uyabiza kwabangasindiswanga, ngoku ukuba awunaye uKristu ngokuhlwanje. Kwaye xa idabi liphelile, ukuba ufuna ukuhlangana naYe ngoxolo uthathe uMthendeleko kunye naYe, kwaye uthembisile ukuba uyaMthanda, kwaye uzahlule kwizinto zehlabathi. Thabatha iVangeli endala erhabaxa kunye nendlela yakudala erhabaxa, uze usele indebe yobukrakra yentshutshiso yehlabathi, nokusela iziyobisi ezikrakra zentshutshiso yehlabathi; inikezwe kuthi yiBhayibhile ukuba siyakusela iiwayini ezimnandi zaseZulwini ngenye imini, xa sihlangana naYe ngoxolo phaya ngaphesheya phakathi kweZulu nomhlaba, xana Eza kunikeza uMthendeleko. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

84 Zanga iintliziyo zethu zingacinga ngale nto, “Ndiya kuyisela nani ngokutsha, eBukumkanini bukaBawo.” Ukuba angathi Yena aze ingekafiki enye iPasika, ukuba ungathi wena ufe ingekafiki enye iPasika, ayisayi kusithintela eso siganeko sikhulu. Kuba ndithi, ngeLizwi leNkosi, okokuba abo balele kuKristu bayakuphuma kuqala. Kwaye thina babudlayo ubomi nabasaseleyo siya kuxwilwa kunye nabo, sihlangene, esibhakabhakeni, siye kuhlangana neNkosi. Kwaye noMelkitsedeke omkhulu weZulu, uKumkani ongenguye oweYerusalem yemvelo, kodwa uKumkani weYerusalem yaseZulwini, iYerusalem eNtsha, uyakuhlangana nathi, kwaye siyakunikwa iwayini nesonka kwakhona.

85 Ngokuhlwanje siza kuthatha amaphawu amele oku. Kufuneka siyenze side simfumane Yena esiza kwakhona. Sanga singafunyanwa sithembekile njengokuba sithoba iintloko zethu okomzuzwana nje, ukwenzela ilizwi lomthandazo.

86 Wonke umntu athi cwaka kangangoko, ngalo mzuzu undilisekileyo, ungcwele. Kulula kanjani ukuyeka ezi zinto ziphuncuke! IBhayibhile yathi, “Hleze siziyeke ziphuncuke ezo zinto, size silutyeshele usindiso olungaka.” Kulula kakhulu ukuyilibala. Asizi enkonzweni ukuze sibonwe. Asizanga kuva

ukucula okumnandi okanye intshumayelo elungileyo. Siza enkonzweni ukuze sinqule, sinqule uThixo.

87 Kwaye ngamnye wethu, izidalwa zethu ezifayo zinomphefumlo omelwe kuhlangana naYe ngenye imini. Kwaye ngobusuku obandulela lomhla mkhulu wokubethelelwa emnqamlezweni, kwisikhumbuzo sokumka Kwakhe, ngokuhlwanje, ukuba awungomKristu, awuzange umamkele uKristu ebomini bakho njengoMsindisi, weyiseke ngokwaneleyo ngokushunyayelwa kweLizwi, kwaye uMoya oyiNgcwele umi ngakuwe ukuba athi, "Unetyala. Ngoku jika kwaye uqale ngenye indlela"? Ungakuxela okufanayo ngokuphakamisa isandla sakho, usithi, "Mzalwana uBranham ndithandazele. Ngoku ndicela imithandazo yakho yokokuba uThixo abe nenceba kum"? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Ungasiphakamisa isandla sakho ngeli xesha silindileyo? UThixo akusikelele, mhlekazi. Omnye umntu?

UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, mncinane. UThixo akusikelele. Ingaba umntu othile . . .? UThixo akusikelele, nenekazi.

88 Uthi, "Mzalwana uBranham ingaba oko kukho into okuyithethayo na ukuba ndiphakamise isandla sam?" Umahluko nje phakathi kokufa noBomi. Yintoni enkulu kunoBomi? Uyathanda . . . ujonga kwindalo. Uyayithanda; ukuthiyile ukumka kuyo.

89 Kanye ngaphaya kwesitrato, apha, xana umfazi womntakwethu wayesifa, ngenye intsasa kwiminyaka emininzi eyadlulayo, xa usizi olunguRute omncinane waphakamisa intloko yakhe, kwaye kwakukho intaka irobin ehleli emthini icherry, kwaye wayefuna ukuyibona elinye ixesha ngakumbi . . . Indlela awayeyithanda ngayo indalo. Kodwa ngenye imini xa uYesu esiza, uyakuva iintaka zikaNaphakade zicula. Iintyatyambo ezingafiyo ziya kukhula. Akusayi kubakho kugula, lusizi, okanye ukufa, ngokuba wenza uxolo noThixo waze wamkela uKristu omkhulu Owamfelayo. Ngesi siqinisekiso sisikelelekileyo Lowo ungenako ukusilela, iLizwi elisikelelekileyo likaThixo Ongenakuxoka, wathembisa uBomi obunguNaphakade kwabo bakholwayo. Xa uphakamisa isandla sakho, kubonisa ukuba umoya ongaphakathi kuwe wenze isigqibo. UThixo akusikelele, nkosazana.

90 Into ethile kuwe, u—umoya . . . Ngokwendalo iingalo zakho zazenziwe ukuba zijingele ezantsi, kwaye xa uphakamisa isandla sakho unyevulela yona kanye imithetho yodontso lomhlaba. Kufuneka ibe ngamandla angaphezu kwawemvelo. Iyi—iyechaseneyo nenzululwazi . . . ngokuchasene nazo zonke izinto zenzululwazi ukuze waphule imithetho yodontso lomhlaba. Ayinakwenziwa ngaphandle kokuba kukho into ethile engaphezu kwendalo. Iingalo zakho beziya kuhlala

zijinga esantsi. Kodwa ukuba, entliziyweni yakho, uyakholelwa kwibali leVangeli kwaye wenze isigqibo sakho ngobu busuku, ukuba ugqibile esonweni, kwaye kule ndlela intle yokuya eKhalvari xa ngomso, ngentsimbi yesithathu, kwisikhumbuzo, sibhiyozela usuku xana uYesu awafela ngalo usindiso lwakho . . . Kwaye ucinga ngokwaneleyo ngalo kwaye uMoya oyiNgcwele uzile waze wankqonkqoza entliziyweni yakho kwaye ngoku uyamnkele . . .

91 Wena nje . . . into ethile entliziyweni yakho ithi, "Phakamisa isandla sakho." Oko kubonisa ebantwini, nakuThixo, okokuba uyayikholelwa kwaye uyayamnkela. UThixo anisikelele, nonke nina bantwana bancinane: abathathu okanye abane babo apha esibingelelweni, amakhwenkwe amancinane namantombazana amalunga nesibhozo, ishumi leminyaka ubudala, bonke baphakamisa izandla zabo ngaxeshanye. UYesu wathi, "Bavumeleni abantwana beze kum. Musani ukubalela, kuba ubukumkani bubobabo banjalo." Ingaba ukhona omnye phambi kokuba sithandaze?

92 UThixo akusikelele, nenekazi. Yinyani leyo . . . Usenokuba wenze izinto ezininzi, nenekazi, ebomini. Ibiyinene leyo; ndikukholelwa wena ukuba ungu—umfazi onyanisekileyo. Kwaye khumbula, ubungenakusiphakamisa isandla sakho, dade othandekayo, ngaphandleni kokuba into ethile engaphakathi kuwe, into ethile kude ezantsi kuwe ithe, "Yenza loo nto." Isenokubonakala ibubudenge obuncinci ngoku kwingqondo yenyama, kodwa mzalwana, ngalamini xa ugqirha esimka emnyango athi, "Kuphelile." Xa esimka kula ngozi aze atsale loo mzimba wakho mncinane awukhuphe, igazi liqukuqela kude kwaye intliziyo yakho ikhefuzela, "Akukho mfuneko yakubhanxa ngabo; abasekho." Owu, bethu. Kwaye ngokubhuduzela ngeyure enye uyakuzama ukuguquka, kwaye uThixo wathi, "Kwiinkxwaleko zakho ndinokuhleka kuphela." Kodwa ngelixa uhleli engqondweni yakho elungileyo, ngelixa wena . . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

93 Bawo, njengoko sisizisa lo myalezo esiphelweni, kunye nesivuno sabantu abamalunga neshumi elinesihlanu, bephakamisa izandla zabo, bebengaboni ubomi babo bonke. Kwaye ngoku, ngobabalo, Uthethile nabo, wabajika baguquka wabajongisa eKhalvari, kwaye besiva loo Mazwi aphuma emlonyeni woNyana kaThixo, "Bawo, baxolele, babengayazi into abayenzayo." Kodwa ngobu busuku bayifumene iVangeli. Simva Yena esithi, kwiintsuku ezimbalwa ngaphambi koku, "Lowo uwevayo amaZwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akayi kuza emgwebeni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini." [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

94 Sibanikezela kuWe ngobubusuku, Nkosi, njengabantwana Bakho. Zanga iintsikelelo Zakho ezinguNaphakade zingahlala

phezu kwabo, eGameni likaKristu siyathandaza. Banga bangafika kusasa ngeCawe, bephethe iimpahla zabo, besithi, “Ndinqwenela ukwenza uvumo lwasesidlangalaleni kweli hlabathi, okokuba ndilikholwa. Ngoku ndinqwenela ukubhaptizelwa eGameni leNkosi uYesu Kristu; ndibiza kuYe andigcwalise ngoMoya oyiNgcwele, andikhathalele ebomini.”

95 Sikelela aba bafazi bancinci, aba bafana, abadala, abantwana abancinci, nabo bonke, bakhathalele, Bawo, ngaBakho. Kwaye kwiziqhamo zalo myalezo ngokuhlwanje, ndibazisa kuWe, njengezibonakalaliso. Kwaye basesandleni Sakho, njengezipho zothando ezivela kuThixo, uBawo. Ndiyathandaza ukuba Uya kubakhathalela ebomini. NgeGama likaYesu ndiyathandaza. Amen . . . ? . . .

96 Sivuya kakhulu ukuba nani apha ngokuhlwanje, kwaye siyavuya ukuba nizile. Kwaye ngomso ngokuhlwa, uMyalezo wethu ngowo, ngokuhlwa ngomso, kwi: *INgqibelelo YeKholwa*. Kwaye ngoku yiza, uze nomntu, ukuba ibandla lakho alinazo iinkonzo.

97 Kwaye ngoku sizakuba noMthendeleko. Mhlawumbi abanye benu . . . Ndifike emva kwexesha kancikane, imizuzu embalwa, kwaye siza kundulula abo kufuneka bahambe.

98 Kwaye abo banqwenela ukuhlala bathabathe uMthendeleko kunye nokuHlanjwa kweenyawo kunye nathi, sikholelwa ekwenzeni ngokupheleleyo onke amanqaku awasishiyela wona uYesu ukuba siwenze. Kwaye ukuba uthe weza kwisizukulwana sam, waza wandenza ndahlala ndisengqondweni yam elungileyo walugcina uthando Lwakhe entliziyweni yam, Ndiyakube ndizama konke okungcono kwam ukwenza zonke nganye kuzo, kwaye ndifunyanwe ndithembekile endaweni. UThixo anisikelele ngoku.

